Isalathiso: 20210309-1488
Inombolo yefayili: 12/16/5/5/5/ UKhuphiswano i-*Global Teacher Prize Competition*
Imibuzo: G.C. De Bruyn/J.C. Titus

INgcaciso eMfutshane ye-*Cape Teaching and Leadership Institute:* 0001/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

Isihloko: UKhuphiswano i-*Global Teacher Prize Competition*

1. I-*Global Teacher Prize (GTP*), eyi-*Varkey Foundation Project*, libhaso lokuwonga utitshala ogqwesileyo ofake igalelo elibalaseleyo kumsebenzi wokufundisa qho ngonyaka eliziidola ezisisigidi zase-*United States*.

2. I-*Varkey Foundation* yalumisela ngokusesikweni ukhuphiswano lwe-*GTP* ngo-2014 yaye ke ngoko lo ngunyaka wesixhenxe wokuphunyezwa kwalo.

3. Izicelo ze-*GTP* ngoku zivuliwe yaye umhla wokuvalwa ngowe-30 Apreli 2021.

4. ISebe leMfundo leNtshona Koloni linqwenela ukukhuthaza abahlali besikolo bethu batyumbe ootitshala abagqwesileyo abazifezekisayo iikhrayitheriya ezinikwe apha ngezantsi.

5. Ukungenela i-*Varkey Foundation GTP*, ootitshala bamele ukulandela le migangatho yokufaneleka, yaye bamele ukuba:
   a. Ngootitshala abafundisa abantwana ngoku abahamba isikolo ngokunyanzelekileyo.
   b. Ngootitshala abafundisa abantwana abakubudala beminyaka emine ukubheka phezulu abakwikharityhulam karhulumente yabantwana abasaqalayo (*Early Years government-recognised curriculum)* okanye abaphakathi kwabantwana abaneminyaka emihlanu neminyaka eyi-18 ubudala.
   c. Ngootitshala abafundisa ngokungesosigxina.

d. Ngootitshala beekhosi eziqhutywa ngekhompyutha.
e. Ngootitshala kuzo zonke iindidi zezikolo nangokuxhomekeke kwimithetho yengingqi, kwilizwe ngalinye nakwihlabathi jikelele.

f. Ngootitshala abaziinkokeli (*head teachers*) abenza umsebenzi wokufundisa nabo bafanelekile ukufaka izicelo

6. Ophumeleleyo uya kukhethwa yi-*GTP Academy* egqwesileyo equlethe ootitshala abaziinkokeli, iingcali zezemfundo, ababalisi *(commentators*), iintatheli, amagosa karhulumente, oosomashinini abazii-*technology entrepreneurs*, abalawuli beenkampani neenzululwazi kwilizwe ngokubanzi yaye iNtloko yezeMfundo uMnu Brian Schreuder, ngomnye wamalungu e-*GTP Academy* edumileyo.

7. Iqela leekhrayithiriya ezingqongqo zokuqaphela utitshala ogqwesileyo ofake igalelo elibalaseleyo kumsebenzi wokufundisa ziya kusetyenziswa ngethuba leenkqubo zokhetho, oko kukuthi utitshala umele:
   a. Ukubesenzisa iindlela zokufundisa ezisebenzayo ezinako ukulinganiswa nokubekwa esikalini ukubangela utshintsho kumgangatho wemfundo kwilizwe jikelele.
   b. Ukusebenzisa iindlela ezintsha zokufundisa ezijongana nemingeni yesikolo, yabahlali okanye yelizwe nezibonise ubungqina obaneleyo obuthetha ukuba zinako ukusebenza ekuqubisaneni nale mingeni ilolu hlobo ngendlela entsha.
   c. Ukufumana iziphumo zokufunda zabafundi ezinako ukuboniswa eklasini.
   d. Ukubanefuthe kubahlali ngaphandle kweklasi okuya kubonelela ngeemodeli ezizodwa nezibalaseleyo zokugqwesa kumsebenzi wokufundisa nakweminye.
   e. Ukunceda abantwana babe ngabemi belizwe jikelele ngokubabonelela ngemfundo esekelwe kwiimfundiso ezisisiseko nebaxhobisela ihlabathi ekulindeleke bahlale kulo, basebenze yaye benxibelelane nabantu abavela kumazwe ngamazwe, eenkcubeko neenkolo ezahlukileyo.
   f. Ukuphucula umsebenzi wokufundisa ngokunceda ekuphuculeni umgangatho wokufundisa, ukwabelana ngamava ngeendlela zokufundisa, nokunceda oogxa babo bayoyise imingeni nokuba yeyiphi na kwiziklo zabo.
   g. Ukuvelisa ubungqina bokuthathelwa ingqalelo kootitshala kwimibutho karhulumente neyokufundisa kazwelonke, ootitshala abaziinkokeli, oogxa, amalungu abahlali ngokubanzi okanye abafundi.

8. Kuya kwamkelwa **izicelo** ezenziwe kwikhompyutha kuphela. Izicelo ezingeniswe ngokuthunyelwa ngeposi okanye nge-imeyili aziyi kuthathelwa ngqalelo.

9. Ingcaciso engaphezulu nge-GTP ifumaeka apha:

   - Ividiyo i-*Advocacy video 2021:* https://bit.ly/3uww0z6
   - Iziko lewebhu leGTP: https://www.globalteacherprize.org/
   - Iifom zesicelo:https://www.globalteacherprize.org/global-teacher-prize/apply-now

- Idilesi ye-imeyili: info@globalteacherprize.org

10. I-*Cape Teaching and Leadership Institute* iya kunceda abatyunjiweyo abalindelekileyo ngolu hlobo:

    a. Ngokubamba iseshoni kwikhompyutha (*online information session*) ngowe-**26 Matshi 2021** ukususela ku-14h00 ukuya ku-15h00 xa uNks Wendy Horne, umtyunjwa we-Top 50 GTP, eya kuba enika amagqabantshintshi ngemvelaphi yeenkqubo zeGTP. Izikolo nabatyunjwa abalindelekileyo bayacelwa babhalisele ukubakho kwabo besebenzisa le linki ilandelayo: https://forms.gle/KqyG2LY3Mrb63QuU6, yaye iya kuthunyelwa emva koko ilinki yeseshoni yonxibelelwano ngo-intanethi (*virtual session*) ukulungiselela ukuba ubekho kuyo.

    b. Ngokubamba iseshoni ekwikhompyutha ngowe-**31 March 2021** ukususela ngo-14h00 ukuya ku-15h00 ukuncedisa xa kuzaliswa iifom ukwenzela ukungeniswa kwazo kwi-*Varkey Foundation*. Bayacelwa ootitshala babhalisele ukubakho kwabo ngokulandela le linki ukubhalisela ukubakho kwabo. Ilinki yeseshoni iya kuthunyelwa kuwe wakuba ukuqinisekisile ukubakho kwakho.

11. Ngayo nayiphi na imibuzo engaphezulu, uyacelwa uqhagamshelane nala magosa alandelayo:

Igosa	**Idilesi ye-imeyili**	**Inombolo yeFoni**
Mnu Gavin de Bruyn	Gavin.Debruyn@westerncape.gov.za	021 900 5041
Nks Jacqueline Titus	Jacqueline.Titus@westerncape.gov.za	021 900 5035

12. Niyacelwa niqinisekise ukuba okuqulethwe kule ngcaciso imfutshane kwaziswa bonke abasebenzi abangootitshala esikolweni sakho.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-03-15